

Apha kwiCommunity wayeluncedo kakhulu.

- Ivenkile yakhe yayiluncedo kakhulu yaye zazisanqabile iivenkile.
- Wayelima athengise umbona imixoxozi, nemifuno, itrektari (tractor) yakhe ilimela abantu ekuhlaleni.
- Wayenabantu bokuncedisa ekugawuleni iinkuni.
- Kwisikolo iQoqa wayeluncedo kakhulu. Wayesuka apha nekomiti yesikolo ayocela iintente eMthatha xa isikolo simke nomoya, ekwancedisa nangeenqwelo zakhe.
- Wayethungela abantu iimpahla, athunge nezihlangu, ekwazi nokwenza icoffins. Abantu babencedakala kuba zazisanqabile iimotuary, xa kuswelekiwe bekuba ngunophakathi ngosuku olulandelayo kungcwatywe.

Ngonyaka ka 1985 kwaye akwabi kuhle eNkonzweni. Wadibana noMfundisi waseBantu Methodist Church waza wangena nebandla elikhulu eBMC. Wangenela ubuFundisi waza ngo 1988 waba yiSuperintendent Minister. Indlu yokukhonzela wayakha ngokwakhe kuba wayenaso nesakhono sokwakha. Waqhubeka enguMfundisi de wasutywa kukufa ngomnyaka ka 2000.

Bantu Methodist Church of Southern Africa



The Late Rev. J.D. MAJOVA

The Late Rev. J.D. MAJOVA
09-11-1931 - 03-07-2000

URev. James Dlakobola Majova wazalelwa apha eMount Frere kwilali yaseMvuzi kwingingqi eyayibizwa ngokuba yiNtlanomfula.

Wayengumntwana wesibini katata uNowhewhe Majova, engumzukulwana katata uSithupha Majova. Umama wakhe yayinguMagcuma intombi yakwaGwala. Babengabantwana abasixhenxe (7) kowabo, intombi eziyi 4 nabafana abayi 3. Yena wayengumntwana wesibini, engowokuqala kubantwana abangamadodana. Kwabasaphilayo ngoodade wabo ababini nomfowabo omnye.

Imvelaphi yeli gama lakhe lakowabo walithiywa kuba babesweleka abantwana bakowabo. Kwasweleka abantwana ababini, kwazalwa intombi, yaphila, kwasweleka abanye ababini emva kwentombi leyo. Kwathi akuba ezelwe, ngenye imini kwagqitha xhego lithile apho kowabo labona ukuba kukho umntwana ozelweyo. Labuza ukuba ngumntwana mni, kwaxelwa ukuba ngumfana. Lathi eli xhego "Hho! Yidla mhlaba kobola" kuba lingathembanga ukuba uyakuphila. Yaba seliba ligama lakhe.

Wakhula wafunda eQoqa, isikolo sisakhiwe kulaa ndawo endala. Ngo 1948 waya kuxelenga eKlerksdorp [eMahlosana]. Ngo 1951 wazimanya ngeqhina lomshato nentombi yakwaDlamini. Baza balizwa ngabantwana asixhenxe iintombi ezine abathathu. Waguquka ngo 1952 apha emakhaya, wangena kwezakwaLizwi. Waqhubeleka eKlerksdorp apho aphekeka khona kwezenkolo. Wayesithi xa ebalisa, apho eKlerksdorp wafika enkonzweni kuculwa uSiyakudumisa ngesiTswana, waza yena wangena enkomponi washumayela waguqula abantu abaninzi. Wacela kuManager indlu yokungenela inkonzo kwaza kwavela iSociety.

Ngo 1959 kwafuneka uMvangeli apha emakhaya eWesile kwaza kwaphakanyiswa igama lakhe. Wabuya waba nguMvangeli phantsi koMfundisi uMoketemo apha eMount Frere kwiMission yaseTshungwana. Wathunyelwa eMangqamzeni eNtabankulu. Ngo 1960 wathunyelwa eClarkebury ekholejini yabavangeli. Wabuyela kwaseMangqamzeni. Ngo 1964 waphinda wathunyelwa eKholejini eMthatha eNcambedlana Lay Centre. Ekubuyeni kwakhe watshintshelwa kwaSection 3 eMvuzi Circuit.

Kwathi ngo 1969 wacela ukuya kusebenza eRhawutini waza wavunyelwa. Waya eAlberton wavunyelwa ukuba avangele nalapho. Wathenga ivan eyayibizwa ngokuba nguNontuthuko, nanye ivan eyayibizwa ngokuba nguBaby. Wayelayisha abantu ababuya eGoli nabaphindayo, enazo neencwadi zokulayisha. Ngo 1972 wabuya eRawutini wakha ivenkile uNontuthuko Store. Waqhuba nevangeli eseMvuzi Circuit, kwaSection 3. Wayekuthanda kakhulu ukufunda iBhayibhile nezinye iincwadi ezimxhobisa kwezakwaLizwi. Olo lwazi alufumeneyo wayelugqithisela nakwabanye abantu, ebafundisa.

Nantsi enye yeencwadi awayezixhobisa ngayo.

